UMBONO WETHU

Sinombono wokokuba IYunivesithi iWalter Sisulu iza kuba yiyunivesithi yaseAfrika ephambili, ebanzi ijolise kwimfundo equlathe inguqu, isebenzisa uphando kunye neenkqubo ezisebenzisana noluntu eziluncedo kwezona mfuno zalo ziphambili kuphuhliso ekuhlaleni, kwingingqi nakwisizwe, ithabathele ingqalelo iimfuno zelizwe lase-Afrika kwakunye nezezinye izizwe ezingaphandle.

UBIZO LWETHU

Sisukelana nombono wokokuba le yunivesithi ibe yeyophuhliso, ngoko ke iWSU iza kwenza oku kulandelayo:

- Ukuzisa indumasi ngokwezemfundo nokuzisa uncedo ukuze izifundo zemfundo ephakamileyo zibe phambili, kufundiswe ngesimo sokuziphatha, ngenkcubeko kunye nobugcisa ukuze iingqondo zabafundi zixhotyiswe ngokupheleleyo, kubekho inkqubela-phambili kwanokusetyenziswa kolwazi ngendlela ecacileyo;
- Ukulungiselela nokugcina iYunivesithi ikumgangatho ophezulu ekuziseni imfundo equlathe inguqu, isebenzisa uphando kunye neenkqubo ezisebenzisana noluntu eziluncedo kwezona mfuno zalo ziphambili kunye nentsebenziswano yoluntu ekusebenzeni ndawonye namasebe ophuhliso,namacandelo oluntu kunye nawabucala;
- Kuziswe iinkqubo ezifikelelekayo, ezifanelekileyo, nezijolise kwizakhono kunye neenkqubo ezinobunjingalwazi ezizakunceda kuphuhliso lwamaphandle kunye nohlaziyo lweedolophu kujoliswe kwizifundo zobunzululwazi, ubugcisa kunye nophuhliso.
- Ukubumba isizukulwana esitsha sabantu abanezidanga nezakhono eziphezulu bekwazi ukuqonda nokulungisa imiceli-mngeni exakileyo eluntwini, besebenzisa ubugcisa bemfundo noborhwebo obusekelezelwe kwimisebenzi esesikweni nobunkokheli obunoxanduva.

ESIKUXABISILEYO

Ukusukela lo umbono iWSU, izimisele ekuxabiseni oku kulandelayo nokugxininisa kwimithetho-siseko engapheliyo neza kucacisa ngazo zonke iintshukumo zale Yunivesithi:

- **Imfundo ekhululekileyo:** Ukulandela ekhondweni lombono kunye nobizo lwethu, sithabathela kuthi ilungelo lethu lokuqinisekisa ngemfundo ekhululekileyo nangendlela efanelekileyo, ekufundiseni nasekufundeni, nakuphando kunye neenkonzo zoluntu.
- **Uhlobo lweli ziko:** Sizimisele ukuba eli ziko libe nolawulo ngokohlobo olufanelekileyo ngokubanzi, sixabise, sivuze abo babalaseleyo, sigcine kwaye sikhusele le Yunivesithi ukuba ibe yefezekileyo.
- **Ukufikelela kwimfundo kwanempumelelo:** Silungiselela ikamva lemfundo ukuba ibe yefikelelekayo ngokulinganayo kwaye ibe kwizinga eliphezulu iqhubeke iminyaka ngeminyaka ukuze ubomi babafundi bubenempumelelo.
- **Inguqulelo:** Sizimisele ekulungelelaniseni iimeko zeli ziko ngokwendlela efunekayo eziintlobo ngeentlobo, ushishino nolawulo loluntu.
- **Uphuhliso lwabantu:** Sizimisele ekuphuhliseni uluntu kangangoko nemijelo yoluntu engabaluncedo nokugxininisa ekubeni abasebenzi bebonke bazingce ngolawulo kweli ziko.

  Iyunivesithi enononophelo: Sizimisele ukuhloniphana, sibe nobuntu, ekuzithobeni, ukuba ngabemi abafanelekileyo, ukubeka phambili abafundi nokugxininisa nokubambelela kwimigaqo yeBatho Pele.

  Ulwazi lwemijelo: Sizimisele ekusebenziseni imijelo yeYunivesithi ngobulumko nangokufanelekileyo ngamaxesha onke ngeenjongo zokwandisa ukuxabiseka okukhulu kweli ziko.

NCWADI NGOPHICOTHO-ZIKO I-WSU 3-8 APRIL 2011

JANUWARI 2011

Uphicotho-ziko lwe-WSU: Ukususela kumhla we-3 ukuya kowe-8 kuEpreli

Yiba nolwazi!
Fumana ulwazi kwi-www.wsu.ac.za

Zilungiselele:
Iyunivesithi yakho ifuna inkxaso yakho

Okokuba ufuna ulwazi olungolunye fowunela i-ofisi yoPhicotho-ziko kule nombolo:
Mr Naicker - Tel: 043 703 8574 / Cell: 083 560 3187 / Email: knaicker@wsu.ac.za or
Mrs Manqina - Tel: 043 703 8547 / Cell: 083 265 3699 / Email: smanqina@wsu.ac.za

WSU
Walter Sisulu University

UPHICOTHO-ZIKO I-WSU YI-HEQC: 3 – 8 APRIL 2011

Yakuba ithathelwe ingqalelo impendulo yamalungu eyunivesithi malunga neNgxelo yokuZiphicotha (i-Self –Evaluation ngesiNgesi), yahlaziywa le ngxelo yaza yathiwa thaca kwi-SENEX, i-SENATE ne Khansil (iBhunga Elilawulayo) ngenjongo yokuba iqwalaselwe yaye iphunyezwe ngoNovemba ka-2010.

Yakuba ihliwe amahlongwana phezulu le Ngxelo yagqithiselwa kwiKhansil ngomhla we-17 kuNovemba 2010 ukuba iyiphumeze, yaza yathunyelwa kwi-HEQC (iKomiti yeMfundo ePhakamileyo ejongene nezinga lezeMfundo) ngomhla wama-27 kuNovemba 2010. Iyunivesithi iWalter Sisulu (WSU) yawubamba umhla obekwe yi-HEQC wokuba ifinyelele ngawo ingxelo, yada yawushiya ngethuba elingangeveki. Ngoko ke ezi veki zimbalwa zilandelayo zibaluleke kakhulu kumalungiselelo jikelele amele ukwenziwa.

I-WSU yacela uncedo kubantu bangaphandle "abaneliso elibukhali" lokuba bayifunde ingxelo le, yaye bancedise ekusicebiseni okokuba ingaphuculwa njani na, yaye babalule iingongoma ezibalulekileyo emazigqalwe xa kulungiselelwa uphicotho-ziko. Ngaphandle kokuyidibanisa nokuyiqwalasela impendulo evela eyunivesithi ngokubhekisele kwingxelo esaqulunqwayo, iQela elijongene nale Projekthi liza kwenza inquleqhu yokuqinisa eyona ngxelo yethu iza kubekwa esithebeni ekugqibeleni, yaye ilungiselele uphicotho-ziko.

Izinto eziza kwenziwa ziza kubandakanya ezi zilandelayo :

- Iintlanganiso zokwabelana ngolwazi namalungu eyunivesithi
- Ukulungiswa kweendawo ekuza kudityanelwa kuzo ngexesha lophicotho-ziko
- Utyelelo lwe-HEQC ngomhla wama-21 kuFebhruwari 2011
- Utyelelo lwe-HEQC kumaziko ngamaziko ukususela ngomhla we-7 ukuya kowe-10 kuMatshi 2011.

UKUYIQONDA LE NTO KUTHIWA LIZINGA ELIPHEZULU NGOKUGQALA INXAXHEBA EYODWA YE-WSU KWEZEMFUNDO

Indlela i-HEQC ewusingatha ngayo umcimbi wezinga eliphezazibekele ulu ityekele kakhulu ekuhloleni ukufaneleka kwamaziko emfundo (njengoko kubonakaliswa ngamalungiselelo awo okuqinisekisa izinga eliphezulu) ukuphumelelisa nokuqhubela phambili iinjongo azibekele wona. Loo nto ithethe ukuthi isiqalo yindlela iziko lemfundo eliyichaza ngayo inxaxheba yalo, ummiselo nobutyala, zinto ezo ezibonakaliswa zizinto eliza kuzenza neenjongo zalo ezingundoqo. Izinto eziza kwenziwa zisoloko zaphuhliswa ziimeko ezithile zezembali. Kodwa ke kufuneka zibe nako phantsi kweemeko ezintsha neziguqukayo ukuthi gqolo zilikhokelele iziko lemfundo kweli kamva lilangazelelwayo. Injongo yeziko nobume balo zisekelezwe kwizinto ekuthiwa ziza kwenziwa. Ezo zinto zisoloko zifumana intsingiselo kwindlela ezitolikwa ngayo kwanezisetyenziswa ngayo kwiimeko ezisoloko ziguquguquka.

Le nto iyonke ke ngokommo wayo intsonkothile yaye idibanisa ukuzinikela ngeendlela ezahlukileyo kwaneenjongo ezigudlanayo ngokucacileyo. Ekuzalisekiseni iinjongo zazo, amaziko emfundo soloko elindeleke okokuba aqonde, amise kakuhle yaye azilawule ezi zinto zidala ukugudlana nemingeni eyimivuka yoko. Akukho ndawo iyinyaniso kuyo le nto ngaphezu kwaseMzantsi Afrika apho amaziko emfundo ephakamileyo achatshazelwa kukugudlana phakathi kwezinyanzeliso zenguqu yedemokhrasi noxinzelelo oluthe gqolo lokukhuphisana ehlabathini. Kufuneka la maziko azisabele ezi zinto. Okokuba ukuzalana phakathi kwezinga eliphezulu nenjongo, okuphawuliweyo apha ngentla, kuyabonwa yaye kuyavunywa, ukuqinisekisa izinga eliphezulu ke nako makube yinto esoloko ikho ibandakanya ukucinga nzulu nokuhambelana nemeko. Le nto yenzelwe okokuba kusoloko kuphuculwa.

Isahluko 1 seNgxelo yokuZivavanya siqalisa ukufumanisa okokuba le nto ithetha ukuthini mayelana nenjongo ye-WSU, yaye ngoko ke ngaba sicinga njani na "ngokufaneleka kwenjongo" yeziko eli phantsi kwemeko yophicotho-ziko yi-HEQC. Esi sahluko sivula ngokugqala ngezinto ethi i-WSU iza kuzenza phantsi kwale meko. Icinga ngeengxoxo nezinto ezingundoqo ezithe zenza okokuba ezi zinto lithi iziko liza kuzenza zamkelwe ngo-2005. Sikwafumanisa indlela imiba engundoqo yathi yaphuhliswa ngokukodwa yindlela eyahanjwayo nge-Institutional Operating Plan(i-IOP, ngamafutshane) ngo-2005. Olu luxwebhu oludandalalisa indlela eliza kusebenza ngayo iziko eli. Siboleka kweli xwebhu, esi sahluko sibonisa indlela imiba engundoqo yezinto eziza kwenziwa ngayo nemingeni ehambelana nokuqhubela phambili ezi zinto zidibana ngayo kumcamango we-WSU njengeyunivesithi "yokuphuhlisa eyikhomprihensiv." Ngokubhekisele kwi-WSU le nto ithetha " ukugqobhozela ngaphaya kokwaziwa ngendlela yexesha eladlulayo (iKholeji eSendle, iYunivesithi yoMzabalazo, iziko labantu abaMnyama ngokwembali, iziko elihlelelekileyo ngokwembali) ngendlela engagungqiyo ukuze ihlangabezane nemingeni yangoku neyexesha elizayo."

Ukuhlangabezana nale mingeni i-WSU ikhokelwa zizinyanzeliso ezingundoqo zezopolitiko nezokuziphatha mayelana nezobulungisa eluntwini nezobuzwe obuthe phaka . Ezi zinto zibe ngundoqo wemizamo yangaphambili ye-WSU zaza zaba sisiseko sento efuna ukuba yiyo kwixwsha elizayo. Ukuze iyunivesithi le nto iyenze kufuneka ivume, imise kakuhle yaye ilawule ukugudlana okwendeleyo okuzalwa "kukuvumelana nokuphikisana phakathi kwenguqu nokukhuphisana ehlabathini okunikwa amendu kukuhambela phambili kwezethekhnoloji." Le mingeni ibalulekile yayeEneneni ifuna iyunivesithi isoloko ithabatha izigqibo ezinzima zomkhomba-ndlela, apho kumaxa amaninzi kungekho zimpendulo zicacileyo.

Isahluko 1 sithi masingayideleli imingeni ehambelana nokufezekisa le njongo. Kodwa ke sikwathi ngokuqonda, ukwamkela nokulawula oku kugudlana nemingeni ekuzalayo sidala "amathuba okuqatsela nokudala ngokutsha khonukuze kudaleke ulwazi olutsha noluvuselela umdla nezemfundo. Eneneni xa kuthe kwakwazeka ukusoloko izinto zisima kakuhle loo nto iphuhlisa iimpawu ezizodwa ezenza i-WSU ibe yiyunivesithi ekhethekileyo."

Ngokucinga ngolu hlobo ngesiza kukwenza nangendlela esiyiqonda nesiyisabela ngayo injongo yethu, kuvela iinkcazo ezine zomba wezinga eliphezulu. Ezi zinto zisinika isixhobo sokugqala imigaqo yethu nezinto esizenzayo nokokuba zikuhambisela phambili kangakanani na esifuna ukukwenza njengeziko lemfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika.

- Esiza kukwenza kumilisela i-WSU ngokungagungqiyo "njengeyunivesithi yesizwe evundlileyo malunga nobume bayo eAfrika naselizweni liphela. Le nto ithetha ukuthi sinoxanduva lokugqala nokusabela iimfuno kwimeko yesizwe naseAfrika. Ezi mfuno zibonakala ngokuhlelekeleka okungathethekiyo kwezoluntu, kwezoqoqosho nakwezemfundo. Sikwanoxanduva lokuphuhlisa iitalente zethu khonukuze sibe nako ukuthabatha inxaxheba ngokuzithemba kwiimeko zelizwe ezinokhuphisano.
- Esiza kukwenza kukwasibophelela ekubeni siqatsele ekufundiseni nasekufundeni. Kuluntu olusawelayo kwimeko ebelukulo nolunemhemhe yokungalingani kwezinto ngenxa yezembali, le nto ifuna kulungelelaniswe ubudlelwane obakhayo phakathi kwemfundo nophandonzulu. Loo nto yenzelwa okokuba imfundo enesakhono ivuselele ukufundisa kakuhle nempumelelo kwezemfundo, ngokukodwa imfundo yabafundi abahlelelekileyo.
- Okuza kwenziwa yi-WSU kukwathetha ukuthi izinga eliphezulu lifikeleleka ngokuzinikela okungagungqiyo, okuzinze kwindlela elenza ngayo izinto iziko. Oku kuzinikela kukuzinikela ekuphuhliseni imeko ephefumlela ingqondo apho kukho intlonelo emiyo yezinto eziziswa kwiziko ngabafundi nabasebenzi kwakunye nokuthakazelela ukusebenzana neemeko ngendlela eyakhayo neneliso elibukhali elizweni ngokumbaxa nelinokuntsonkotha.
- Le ndlela yokucinga ngezinga eliphezulu ithi izinga eli eliphezulu ngokobunjani balo kufuneka libe nenguqu. Loo nto yenzeke ukuze ekulabalabeleni izinga eliphezulu sizise utshintsho olumiyo nolunoncedo. Ibe lutshintsho olunika abafundi nabasebenzi amandla nolunentsingiselo eluntwini ngokubanzi, luntu olo esiyinxalenye yalo.

Ukucinga nzulu ngolu hlobo ngokuza kwenziwa yi-WSU nangento ethethwa yindlela esiliqonda ngayo izinga eliphezulu kwakunye nokuhlola kwethu "ukuyifanela injongo", konke oku ngundoqo wamalungiselelo ethu oPhicotho-ziko. Ukunceda nokukhokela amaziko emfundo ephakamileyo kolu hambo lokuzigocagoca i-HEQC imisela imibuzo emine "embaxa". Le mibuzo ijolise ekuvuseleleni ingxoxo, naleyo ishushu, kumaziko mayelana nenxaxheba nenjongo yawo. Imibuzo le yongeza kulaa miqathango eli-19 esikhe sayichaphazela ngaphambili. Le mibuzo (nantsi apha ngezantsi) ikwafumaneka kwiphepha le-web ye-IA ukuze amalungu eyunivesithi ayiqwalasele.

IMIBUZO EMBAXA YE-HEQC

- Ziziphi iindlela ezizodwa nezikhethekileyo ethi ngazo i-WSU ityebise yaye yongeze ukuqatsela kwimfundo ephakamileyo, eluntwini, esizweni, kwingingqi nakumazwe ngamazwe?
- Yintoni eyenziwa liziko eli ukuze kubekho ukudlamka kwizinto ezifuna ingqondo apha kulo nakuluntu ngokubanzi?
- Kungazindlela zini elithi ngazo iziko libe nguvimba weengcinga ezintsha nolwazi oluphume izandla kunye neetheknoloji kumcimbi wesizwe wokuza nezinto ezintsha?
- Yiyiphi eminye yemizekelo ebonakalayo yokuphumelela kweziko ekukhuthazeni izinga eliphezulu nasekuzibandakanyeni nalo kule minyaka mithathu idluleyo?